IsiKolo seCawa iKlasi 1

Isihloko sesifundo: Ubizo lukaAbram kunye nesithembiso: uAbram noLote

Isikhokelo soMzali

IsiKolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiKolo seCawa 1 esithi **“Ubizo luka-Abram kunye nesithembiso: uAbram noLote”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Umzekel. SS, RI okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqiKolo seCawa 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana kunye nomphathi webandla wesikolo seCawa kunye noTitshala ukufumana inkcukacha eyongezelelweyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Ubizo lukaAbram kunye nesithembiso: uAbram noLote
Isicatshulwa seBhayibhile	Genesis: 12: 1-9; Genesis 13: 1-18
Injongo yesifundo	Abantwana bafunda ukuba iNkosi iyasikhokela kwaye isikhokela kwiindlela zaYo kwaye Yena uyazizalisekisa izithembiso zaYo.

Isishwankathelo sesifundo:

- Kwisifundo sanamhlanje siza kuva ngoAbram noLote.
- UAbram noLote kunye nabalusi babo, abafazi nabantwana babehamba besiya kwilizwe elikude. Babeneegusha ezininzi, amatakane kunye neebhokhwe kwaye iidonki zabo zazithwele imithwalo enzima.
- Bahamba kwiindawo ezininzi ezahlukeneyo nezinzima. Amaxesha ngamaxesha babemisa kwimingxuma enamanzi ukuze izilwanyana zabo zisele amanzi kwaye ziphumle.
- Babeka iintente zokulala ngelixa abanye abelusi begade iintente kunye nezilwanyana, kodwa, kubo bonke uThixo wabajonga kwaye babeka ithemba labo kuYe.
- UAbram akaluthathi ngokuzithandela olu hambo. INkosi yayithetha naye ngaphambili.
- Wamxelela uAbram ukuba ashiye ilizwe lakowabo, izihlobo zakhe kunye nabantu aqhelene nabo, aye kumhlaba aya kumbonisa wona. UThixo wathi uyakwenza isizwe esikhulu ngaye, kwaye uyakumsikelela uAbram. UAbram wathembela kuThixo ngokupheleleyo.
- Emva kokuhamba iintsuku ezininzi, bafika emlanjeni ekwakufuneka bawele. Emva kokuwela umlambo, bazifumana bekwelinye ilizwe. Lo mhlaba wawunemilambo emininzi kunye nokutya okungcono kwemfuyo yabo. UAbram uyalela ukuba kugxunyekwe iintente.
- INkosi yabonakala kuAbram kwakhona, yathi kuye: “Ngumhlaba lo awathembisa ukuwunika uAbram kunye nenzala yakhe.
- UAbram wyengazi ukuba inzala yakhe iza kuvela phi kuba yena nenkosikazi yakhe uSarayi babengenabo abantwana kwaye uAbram wayesele eneminyaka engama-75 ubudala.
- Enye into eyaymikhathaza uAbram, kwakukho abantu ababesele behlala kulo mhlaba kwaye yena nabalandeli bakhe ngabasemzini kweli lizwe, kodwa uAbram wamthemba kwaye wakholwa ukuba iNkosi izakuzizalisekisa izithembiso ezenze kuye.

- Olu kholo lomeleleyo luvumela uAbram ukuba avuye, abe noxolo kwaye anelisekile.
- UAbram waluva ukhuseleko lukaThixo ukuba lusoloko linabo, kodwa uxolo ngamanye amaxesha lwaluphazamiseka.
- UAbram nabelusi kabaLote babesilwa bodwa ngenxa yamadlelo alilungileyo kwaye befuna ukwazi ukuba ngowuphi umhlambi ekufuneka usele kuqala.
- UAbram wagqiba kwelokuba sinye kuphela isisombululo. Akawuthandi umlo kuba uyindoda enoxolo.
- Wathatha isigqibo sokuba yena noLote abanako ukuhlala ndawonye endaweni enye. Kuya kufuneka umntu ngamnye azikhethele isiqwenga somhlaba.
- UAbram noLote baya entabeni apho babenokujonga kakuhle umhlaba oluleme phambi kwabo. UAbram wamxelela uLote ukuba angakhetha isiqwenga somhlaba. Ukuba uLote ukhetha ukuya kwelinye icala, yena uyakuya welinye.
- Ngasempuma kwakukho umlambo iYordan onamadlelo aluhlaza amahle. Emazantsi umhlaba wawuchumile, kodwa ezinye iindawo zomile kakhulu. UAbram wavumela uLote ukuba akhethe kuqala.
- Wakhetha umhlaba ongasempuma enomlambo kunye namadlelo aluhlaza.
- Ke uAbram wahamba kwelinye icala. Waye enelisekile. UThixo wayibona yonke into.
- UThixo wamxelela uAbram ukuba angabi lusizi. Wamxelela uAbram ukuba ajonge ukusuka apho akhoyo macala onke. Lonke ilizwe alibonayo uAbram, iNkosi yamthembisa ukulinika yena nembewu yakhe.
- Wamxelela uAbram ukuba isizwe sakhe siya kuba ninzi njengothuli lomhlaba okanye intlabathi yolwandle.
- UAbram wafumana loo mmandla uchumileyo, kodwa iNkosi yasiphinda isibhambathiso kuAbram, kwaye oku kwamvuyisa.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Ngamanye amaxesha uThixo usicela ukuba senze into enzima kakhulu. Ufuna simthembe. Uya kusinika amandla kwaye asisikelele kuhambo lwethu.
- UThixo wenza izithembiso ezininzi kuthi ngelizwi laKhe. Kufuneka sithembele kuYe ukuze azalisekise ezo zithembiso ebomini bethu.
- Esinye sezithembiso kukuba uYesu uza kubuya eze kusithabatha.

Kuya kufuneka silungiselele ukubuya kukaYesu kwaye ukwenza oku kufuneka sibe nokholo olomeleleyo kwaye sithembele kwaye sithobele uThixo.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Kwakutheni ukuze uAbram athathe isigqibo sokuwushiya ilizwe awayehlala kulo?
   Impendulo: UThixo wamxelela ukuba aqokelele konke kwaye aye kwilizwe elitsha ayakubonisa lona.
2. Kwakutheni ukuze uAbram athathe isigqibo sokwahlulahlula umhlaba phakathi?
   Impendulo: Leyo kuphela kwendlela anokugcina ngayo uxolo kuba umalusi abesilwa bodwa.
3. Yamthembisa ntoni iNkosi uAbram emva kokuba ekhethe isiqwenga somhlaba wakhe?
   Impendulo: Umhlaba wonke uAbram awubonayo iNkosi iya kumnika wona nembewu yakhe, eya kuba ngangentlabathi yelwandle.
4. Sithenjiswe ntoni?
   Impendulo: Ukuba uYesu uza kubuya kwakhona aze kusilanda.

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen